

## Intshayelelo

ISahluko 4 soMgaqo-siseko (amaCandelo 59 no-72) sibeka uxanduva emagxeni ePalamente okuba iququzelele ukubandakanyeka koluntu kwiinkqubo zePalamente zowiso-mthetho kunye nezinye iinkqubo zeNdlu yoWiso-mthetho yeSizwe, zeBhunga lamaPhondo leSizwe kunye nakwiiKomiti zazo.

## IMbali eMfutshane

Njengenxalenye yenkqubo yokwakha iPalamente yaBantu esebenzayo ephendulayo kwiimfuno zabantu neqhutywa yingcingane yokufezekisa ubomi bomgangatho ongcono babo bonke abantu boMzantsi Afrika, iPalamente yeRiphabhliki yoMzantsi Afrika yathabatha isigqibo sokuba iqalise inkqubo yokuseka iiOfisi zoLawulo lweNtando yeSininzi zasePalamente (ezaziwa njengee-PDO) kuwo olithoba amaphondo eli.

Ukuza kuthi gaa ngoku, sekusekwe iiOfisi ezintathu kula maphondo alandelayo: ILimpopo, uMntla Koloni kunye noMntla Ntshona kunye ne-PDO eyiNtloko ezinze ePalamente.

## IGunya lee-PDO

IiOfisi zoLawulo lweNtando yeSininzi zasePalamente ziyasekwa ngenjongo yokudala ubukho bePalamente obuvakalayo nobuhlala buqhuba, ngakumbi kwiindawo zoluntu zasekhaya eziphakathi kanye emaphandleni, ezinemithombo eshokoxekileyo nezingafumani nkonzo igqibeleleyo ezikuwo olithoba amaphondo eli, nezithe ngezizathu ezohlukeneyo

zahlala zingaphandle kokuxoxwa ngako sisizwe nakoko kuphambili uluntu oluzibandakanye kuko neluthabatha inxaxheba kuko.

## IiNjongo zee-PDO

- Kukwandisa ukufikelela, amathuba kunye nomhlaba wokunxibelelana ngokuthe ngqo nangendlela eqhubayo nabantu ngokwesiqhelo abavaleleke ngaphandle kweengxoxo zesizwe eziqhubeka eluntwini.
- Kukulungelelanisa intatho-nxaxheba nobandakanyeko loluntu kwiinkqubo zowiso-mthetho nakwezinye iintshukumo zazo zombini iNdlu yoWiso-mthetho yeSizwe kunye neBhunga lamaPhondo leSizwe kunye neeKomiti zazo kuwo onke amaphondo eli, kulandelwa isicwangciso sobuchule nekhalela yonyaka yePalamente.
- Kukuqinisekisa inqanaba elithe xhaxha lentsebenzo eneziqhamo; lokufikelela eluntwini ngempumelelo nokubonelela ngenkxaso kwiinkqubo zePalamente ngendlela engadli mali ininzi.

## IMisebenzi yee-PDO

Indima yethu:

- Kukubonelela ngolwazi malunga nePalamente kunye nomsebenzi wayo
- Kukuqhuba iinkqubo zofundiso noxhotyiso loluntu malunga nePalamente
- Kukubonelela ngeqonga lokuba uluntu lube nokufikelela, lube nokubandakanyeka

kwaye luthabathe inxaxheba kwiinkqubo zePalamente

- Kukubonelela ngenkxaso kwiinkqubo zePalamente
- Kukulungelelanisa nokusebenzisana namanye amanqanaba kaRhulumente

## IiNkqubo zee-PDO

Iinkqubo zethu zibandakanya oku kulandelayo:

- Uhlolo lwendalo esingqongileyo
- Ucweyo lokuxhobisa abachaphazelekayo
- Ukuqaphelisa uluntu
- Ukuxhasa iinkqubo zePalamente
- Uhlalelo ngokutsha oluqhutywa rhoqo ngonyaka nabachaphazelekayo

## Uhlolo lweNdalo esiNgqongileyo

Le yinkqubo apho iiOfisi zithi ziphawule ze ziqokelele ulwazi malunga nemiba, iimfuno kunye neenkxalabo zoluntu ukuze zibe nokwazisa iPalamente kwaye ziqinisekise ukuba iinjongo zazo ezicwangciselwe ezi nkqubo ziyaphunyezwa.

## UCweyo lokuXhobisa aBachaphazelekayo

Injongo yolu cweyo kukuxhobisa abachaphazelekayo kunye neziseko zoluntu malunga nokuqonda kunye nokwazi ngePalamente kunye neenkqubo zayo zowiso-mthetho,

ukuzinceda zibe nokuquzelela ngempumelelo imicimbi yoluntu enxulumene nePalamente kwaye zithabathe inxaxheba ngendlela ebonakalayo kwiinkqubo neentshukumo zePalamente.

## UkuQaphelisa uLuntu

Le nkqubo ibonelela uluntu ngethuba lokubonisana namaLungu ePalamente kunye namanye amanqanaba karhulumente ngokubhekiselele kwimiba yalo. Eli qonga likwasetyenziselwa ukwazisa uluntu, ukulungiselela amagalelo kunye nempendulo kwimiba ephambi kwePalamente.

## INkxaso kwiiNkqubo zePalamente

Ii-PDO zibonelela ngenkxaso kuzo zonke iinkqubo zePalamente kumaphondo, ngakumbi kwiziNdlu zombini ezaziwa njengeNdlu yoWiso-mthetho yeSizwe kunye neBhunga lamaPhondo leSizwe nakwiiKomiti zazo.

## Uhlahlelo ngokuTsha oluqhutywa Rhoqo ngoNyaka naBachaphazelekayo

Injongo yolu hlahlelo ngokutsha kukubonelela ngethuba lokuba abachaphazelekayo kunye noluntu esisebenze nalo lubonelele ngempendulo kunye namagalelo athi asetyenziswe njengesiseko seenkqubo zethu kwaye aziphucule. Abachaphazelekayo abasuka kwimimandla ekugqaliswe kuyo nabo bayamenywa.

## INDLELA ONGAQHAGAMSHELANA NATHI NGAYO

### I- PDO EYINTLOKO

Office 52, Good Hope Building, Parliament of RSA, CapeTown, 8000

**Umnx.:** 021 403 3373 / 8215

**IFeksi:** 021 403 3118

**I-imeyile:** pdo-info@parliament.gov.za

### I-PDO YASELIMPOPO

One Stop Shop Centre, Ga-MatlalaThaba, 0756  
PO Box 1516, Bakone, 0746

**Umnx.:** 015 227 0050/6

**IFeksi:** 015 227 8900

### I-PDO YASEMNTLA KOLONI

9 Meul Singel, PO Box 754, Kakamas, 8870

**Umnx.:** 054 431 0508

**IFeksi:** 054 431 1951

### I-PDO YASEMNTLA NTSHONA

Old Municipal Building / Old Governors House,  
Phola Section, Ganyesa  
PO Box 561, Ganyesa, 8613

**Umnx.:** 053 998 4262

**IFeksi:** 053 998 4261



**PARLIAMENT**  
OF THE REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

# IIOFISI ZOLAWULO LWENTANDO YESININZI ZASEPALAMENTE

